

Ikhompyutha ngumatshini osebenza ngolwazi.


Nazi iindidi ezine zeekhompyutha:

Ileptophu (1)

Idesktophu (2)

Unomyayi / ifowuni yeselula, ismatifowuni (3)


Ithabhulethi (4)



Ubona iinkcukacha esikrinini, (kwisakhelo esineglasi (5).

Uyachwetheza ufaka iinkcukacha kwikhibhodi (6).

Usebenzisa imawusi (7) ekukhokelayo ude ufumane okufunayo esikrinini.



Uyayihambisa imawusi xa ujonge esikrinini, (kwisakhelo seglasi).

Ukhetha iinkcukacha ezo uzifunayo esikrinini, ngomnwe wakho uyacofa ukuze ucinezele ngemawusi esikrinini.



Iilephutophu ezininzi zinephedi onokuyichukumisa (8) endaweni yokusebenzisa imawusi.

Uhambahambisa umnwe wakho apha kwiphedi yokuchukumisa.


Ucinezela kancinci ukhangela iinkcukacha.



Jonga ikhibhodi uze ufumane amaqhosa aqulathe oku:


1. oonobumba
2. amanani
3. iziphumlisi

La maqhosa aza kukunceda ekuchwethezeni ufaka iinkcukacha kwikhompyutha.




Jonga ikhibhodi yalo mnxeba (yesi smatifowuni).

Kwisalathisi sesikrini (seglasi somnxeba) ungachwetheza ngoobhontsi bakho.



Ezinye iikhompyutha zinesikrini esibanjwayo (9). Umzekelo, iithabulethi neminxeba.

Usebenzisa umnwe wakho nobhontsi usebenza ngeenkukacha ezikwisikrini esibanjwayo.



Xa usebenzisa umnwe wakho nobhontsi, uzibhekelisa enye kwenye, umfanekiso uya usiba mkhulu.

Sondeza umnwe kubhontsi wakho ukuze umfanekiso ubemncinane.



Sisebenzisa iikhompyutha xa sisebenza naxa sifunda.

Sisebenzisa iikhompyutha ukuze sinxibelelane.

Sisebenzisa iikhompyutha ukuze sifunde kananjalo sizonwabise.



Isixhobo sokuchwetheza lelinye igama lekhompyutha.

Zeziphi izixhobo zokuchwetheza ezisetyenziswa ngabakokwenu, babezisebenzisela ukwenza ntoni?



—Imibuzo



1. Khuphela ukope lo mfanekiso uze uleyibhelishe:
 - a. ikhibhodi
 - b. imawusi
 - c. isikrini
2. Ulisebenzisa njani ilungu ngalinye lekhompyutha:
 - a. ikhibhodi?
 - b. imawusi?
 - c. isikrini?



—Le ncwadi yenye kuluhlu lweencwadi ezine ezazisayo ngemixholo ekhoyo kubuchwepheshe bekhompyutha. (isungula izihloko ezigxile ekufundiseni ubuxhakaxhaka bala maxesha).

Eli bali layilwa laza labhalwa njengenxalenye yeZenex Ulwazi Lwethu eyiprojekthi yokufundwayo kuka2021.